



Wes-Kaapse Provinsiale Parlement
Western Cape Provincial Parliament
IPalamente yePhondo IeNtshona Koloni

**UKUZIPHATHA KWITSHHEYIMBA
NEMITHETHO YENGXOXO-
MPIKISWANO**

UXWEBHU LWEMIBA 4

UPHENGULULO 1, 4 JULAYI 2016

Luxanduva lweGosa eloNgameleyo ukuqinisekisa ukuba uqwalaselo olululo lwemiba luyenzeka. Ukulungiselela uqwalaselo olufanelekileyo lwemiba yembambano ngawo onke amaxesha, kubalulekile ukuba imithetho ethile yocwangco kunye, nokubaluleke kakhulu, ukuzibamba kuyafuneka. Usetyenziso “lolwimi olwamkelekileyo epalamente” kungoko lubalulekile ukuqwalasela imiba ngendlela enocwangco.

IMithetho eSisigxina, phakathi kwezinye, ifuna ukuba:

- ILungu ngalinye elifuna ukuthetha malenze njalo likwindawo yalo lize libhekise kuSihlalo ngolunye lweelwimi ezisemthethweni zePhondo;
- AMalungu makathethethe ngomba ophambi kweNdlu kwaye angaphambuki;
- AMalungu akanakho ukusebenzisa ulwimi oluthukayo okanye olungekho similweni;
- Akukho Lungu linokuthetha emva kokuba uSihlalo ebeke umbuzo;
- AMalungu akanakho ukubhekisa kuso nasiphi na isigqibo seNdlu esithatyathwe ngaphantsi kweenyanga ezintandathu ngaphambili;
- AMalungu akanakho ukubhekisa kwisidima okanye isakhono seJaji yenkundla ephezulu okanye lowo ubambe i-ofisi ekususwa kwakhe kuxhomekeke kwisigqibo seNdlu;
- Akukho Lungu lingacingela ingxoxo evela phambi kwePhepha loLuhlu lweMicimbi;
- Akukho Lungu lingabhekisa kwelinye iLungu ngokulikhankqula ngegama lalo kuphela;
- ILungu lingathabathela kulo isiphakamiso okanye umba wosuku xa lingekho iLungu ebekumele ukuba lenza njalo, kuxhomekeka ukuba ligunyaziswe ukuba lenze njalo liLungu; kwaye
- Akukho Lungu linokubhekisa kumba olindele isigqibo seenkundla zomthetho.

Xa lingena kwiTsheyimba, iLungu kufuneka ukuba lijonge ukuba ngubani na othethayo kwaye lingagqithi phakathi kweLungu eliseqongeni kunye noSihlalo. Ukuba iLungu ligqitha phakathi kweLungu elithethayo noSihlalo, oko kuthatyathwa “njengokutsiba umda (obekiweyo)” kwaye iLungu liza kuyalelwa ukuba libuyele umva apho belisuka khona. Ukuthoba kancinane okulisiko xa kungenwa okanye kushiya iNdlu kokuqhelekiyo kwiNdlu; hayi kwiGosa eloNgameleyo ubuqu.

Ukulungiselela unyanzeliso lweMithetho neentlanganiso zeNdlu, uSihalo unamagunya oluleko aqalisa ekuyaleleni urhoxiso lweentetha ezingavumekanga kwipalamente ukuya kutsho “ekubizeni” aMalungu kwanonqunyanyiso lokuhlala kweNdlu.

* (Qaphela: UXwebhu lwemiba 14 luhozana “nolwimi olungamkelekanga epalamente”.)